VAKALISA ULOVO LWAKHO

UMANYELO-ZIMVO ZOLUNTU KUMTHETHO OSAYILWAYO WEZIXHOBO ZOKUSEBENZA ZEZOTHUTHO WEPHONDO LENTSHONA KOLONI [B 5–2021]

IKomiti eSisigxina kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu yePalamente yePhondo leNtshona Koloni imema ababandakanyekayo, abantu abanomdla kunye nemibutho ukuba yenze iintetho ngoMthetho oSayilwayo weZixhobo zokuSebenza zezoThutho weNtshona Koloni [B 5–2021].

Injongo yoMthetho oSayilwayo kukubonelela ngocwangciso, isibhengezo, uqulunqo, ulwakhiwo, ulondolozo, ulawulo, ukuphatha, umiselo uphuculo nolungiso lweendlela, imizila kaloliwe nezixhobo zezothutho ezinxulumene noko eNtshona Koloni; kwakunye nemiba enxulumene noko. Ikopi yoMthetho oSayilwayo ingafunyanwa kwiwebhsaythi yethu ethi: www.wcpp.gov.za.

Abo banomdla wokubonisana neKomiti bangangenisa iintetho ezibhaliweyo okanye benze iintetho zomlomo ngokuthumela amanqaku elizwi kuWhatsApp (nombolo: 064 763 9034). Amaqela anomdla angaphinda acele ukuvela phambi kweKomiti ukwenza iintetho zomlomo.

Onke amangenelo, imibuzo kunye nezicelo okuvela phambi kweKomiti eSisigxina engagqithanga u**Lwesibini, 3 Meyi 2022** kwaye angathunyelwa ngqo kuMnu Johan Coetzee (umnxeba: 021 487 1717) okanye i-imeyile: jcoetzee@wcpp.gov.za).

Umanyelo-zimvo zoluntu luza kuqhutywa ngolu hlobo lulandelayo:

UMHLA	IXESHA	INDAWO	INDLELA
17 Meyi 2022	18:00	Iziko loLuntu laseGeorge (Civic Centre), 71 York Street, George	Ubuqu ngokwendawo
24 Meyi 2022	18:00	ITsheyimba yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (uMgangatho weSithandathu), 7 Wale Sitalato eKapa	Ngobuxhakaxha bale mihla/Ubuqu

Sikhutshwe ngu: Mnu D America (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina lwezoThutho neMisebenzi yoLuntu.